# Intshayelelo

Ingaba ngamanye amaxesha, xa ubukele iTV okanye ifilimu, ukhe unqwene ukuba ungangomnye wabo babadlali banetalente obabona kumabonakude? Ngelinye ixesha ukhe uzive ungathi uliqhawe elikwibali elidlala phambi kwakho. Uzibona ngathi nguwe lo udubula amasela, onceda nabantu abathinjiweyo; nguwe lo unqwenelwa ngoosisi, nguwe lo wonke umntu acela ukuba umsayinele into okanye wonke ubani afuna idilesi yeimeyili yakhe. Ubukela iincoko zasebusuku ezikumabonakude apho kwenziwa udliwanondlebe nosaziwayo. Njengoba ubukele, ubawela kuthi kanti ibinguwe lo uthethayo obukelwe lilizwe lonke, ibe ngase abantu nawe bakubuze ezakho izimvo kwizinto eziqhubekayo ngoku. Okanye ekuseni ujonga kwicandelo loshishino lephephandaba ze ufunde ikholam ngosomashishini osengumntu omtsha ophumeleleyo kwihlabathi ngenkqubo yakhe yeIT. Yhoo uvele ucinge: Inokuba imnandi loo nto! Ngase ndibe nguye.

Le ncwadana iya kumema ukuba ukhe uphendle iBhayibhile ufumane amabali ewabalisayo ngabantu abenza izinto ezibalulekileyo. Abanye babe nobudlelwane obukhulu noThixo ngeli lixa abanye babemtshikilela uThixo. Ngamanye amaxesha babesilwa noThixo. Yayingabantu abahlukileyo ababejongene nezimo zobomi ezingafaniyo. UThixo Yena wayesebenza ebomini babo bonke. Kumaphepha eLizwi likaThixo elinobuncwane uya kufumanisa ukuba: Ndim lowa! Ndiyindoda! Nam uThixo uyasebenza ebomini bam!

Yiza ke uze kuhlangana nabantu abaseBhayibhileni.

# UMNTU OYINDODA UHLALA ENOBUDLELWANE NOTHIXO

**Eyona nto ibalulekileyo ebuntwini kukuhlala unobudlelwane noThixo. Umntu onjalo akoyiki ukuvuma ukuba uyamdinga uMdali wakhe. Njengomntu kaThixo, uyamthanda kakhulu uThixo osesizikithini sobomi bakhe.**

**Suke ufumanise ukuba: Ndiyindoda!**

## Ubomi bakhe butshintsha kakhulu emva kokudibana noYesu

UYesu wangena eJeriko, egqitha khona. Ke kaloku kwakukho ndoda ibizwa ngokuba nguZakeyi, eyayiyintloko yabaqokeleli-rhafu, isisityebi. Yayifuna ukubona uYesu, kodwa ngenxa yokusithwa yindimbane ayaba nako, kuba yayimfutshane ngesithomo. Yabaleka ke, yaya ngaphambili, yakhwela emthini womthombe ukuze imbone, kuba wayeza kudlula apho. Akufika kuloo ndawo, wakhangela phezulu uYesu, wathi kuyo: “Zakeyi, khawuleza uhle, kuba namhlanje ndimelwe kukuba lundwendwe lwakho.”

Wakhawuleza ke wehla uZakeyi, waza wamkela uYesu ngovuyo. Bakuyibona loo nto, bakhalaza bonke, besithi: “Uye kungena endlwini yomntu ongumoni.”

Waphakama uZakeyi, wathi kuyo iNkosi: “Khangela, isiqingatha sempahla yam, Nkosi, ndisinika amahlwempu. Kanti nokuba ndidle nto kabani na ngobuqhetseba, ndimbuyisela kane.”

Ke uYesu wathi kuye: “Namhlanje lufikile usindiso kule ndlu, kuba noZakeyi lo ungunyana ka-Abraham. Kaloku yena uNyana woLuntu wezela ukufuna kwanokusindisa abantu abalahlekileyo.”

ULUKA 19:1-10

## Uyakhula emoyeni njengokuba efunda iLizwi

Umbhali weeNdumiso ucula ngendlela ngokuthanda kwakhe iLizwi likaThixo.

Ndiyawuthanda kambe umyalelo
wakho;
ndiphicothana nawo imini yonke.
Iziyalo zakho zendele kum;
zindenza ndilumke
kuneentshaba zam.
Ndibavelele nabafundisayo,
kuba ndizinonelele iimfundiso zakho.
Ngokuqonda nditshatshele
nakwabadala,
kuba ndiyazithobela izithethe zakho.
Ndiyazicezela iindlela ezinengozi,
kuba ndithobela ilizwi lakho.
Andiphambuki kwisigwebo sakho,
njengoko wandifundisayo.

Izithembiso zakho zimnandi,
ziyanandipheka;
ewe, ziyolile kunobusi.
Imfundiso yakho indivul' ingqondo,
ngoko ke ndibuthiyil' ubugwenxa.

Ilizwi lakho sisibane sendlela yam;
liyandikhanyisela eluhambeni.
Ndizibophelele ngesifungo;
ndiya kusithobela isigwebo sakho.
Ndikhoyo, ndixhwaleke
ngokungathethekiyo;
ndihlaziye ngokwedinga lakho.
Ndikhoyo, wamkele umbulelo wam,
undazise izigqibo zakho.

Ubomi bam buhlala busesichengeni,
kodwa andishenxi kumyalelo wakho.
Abakhohlakeleyo bayandithiyela,
kodwa andiphambuki kwimimiselo
yakho.
Imfundiso yakho lilifa lam nanini na;
ewe, iluyolo entliziyweni.
Ndizimisel' ukuyenza imithetho
yakho;
ewe, ndoyithobela kude kube
sekupheleni.

Ndibathiyile abantu abambaxa,
kodwa ndiyawuthanda umyalelo
wakho.

INDUMISO 119:97-113

## Uthandaza ngokuzinikela nokuba imeko ithini

UDaniyeli waqhubeka ethandaza noxa kwakukho umthetho owawubekiwe owawunqanda ukuba kunganqulwa nabani ngaphandle kokumkani.

Nakuba ke uDaniyeli wayeve ukuba lo mthetho ubhaliwe wapapashwa, usuke wagoduka, wafika wangena kwigumbi lendlu yakhe eliphezulu elalineefestile ezikhangele eJerusalem, waza ke waguqa ngamadolo wathandaza ebulela kuThixo wakhe kathathu ngemini njengoko wayeqhele ukwenjenjalo.

Ke kaloku laa madoda ahlangana ambhaqa uDaniyeli ethandaza etarhuzisa kuThixo wakhe. Ngoko ke aya kukumkani, afika athetha naye malunga nomthetho awenzileyo.

UDANIYELI 6:10-12a

## Uthobela intando kaThixo ngobomi bakhe

Ukuzalwa kukaYesu Krestu kwakungolu hlobo: UMariya, unina, wayesendela kuJosefu, bengekatshati, kwabonakala ukuba uMoya oyiNgcwele wenze ukuba abe nzima. Ke uJosefu, umyeni wakhe, wayelilungisa, engafuni ukumhlaza uMariya, waza wazimisela ukumala ngasese. Esazicinga ezi zinto, naso isithunywa seNkosi sibonakala kuye ephupheni, sisithi: "Josefu, nyana kaDavide, sukoyika ukumthatha uMariya abe ngumfazi wakho, kuba oko akukhawuleyo kungoMoya oyiNgcwele. Úya kuzala unyana, ùmthiye igama elinguYesu, kuba nguye oya kubasindisa abantu bakhe ezonweni zabo."

Akuvuka ebuthongweni uJosefu, wênza njengoko isithunywa seNkosi besitshilo kuye, wamthatha uMariya, waba ngumfazi wakhe; kodwa akahlangananga naye de wamzala unyana wakhe. UJosefu ke wamthiya igama elinguYesu.

UMATEWU 1:18-21,24-25

## Unikela ubomi bakhe eNkosini

(UInoki) Wayesoloko enobudlelane noThixo ngalo lonke elo xesha. Kamva ke wathi shwaka akaziwa apho akhoyo, kuba wayethathwe nguThixo.

EYEZIQALO 5:24

Ngokholo uInoki wathwetyulwa engakhange afe. IziBhalo zithi: "Akazange aziwe bani apho akhoyo, kuba wayethathwe nguThixo." Futhi ziyangqina iziBhalo ukuba uInoki wamkholisa uThixo ngaphambi kokuba athathwe.

KUMAHEBHERE 11:5

## Akasoloko eziqonda iindlela zikaThixo

Loo ndoda eBhayibhileni yayinguGidiyon:

Isithunywa eso ke sabonakala kuye sathi: "UNdikhoyo unawe, gorhandini lomeleleyo!"

UGidiyon wathi kuso: "Ngxe, Mhlekazi! Ukuba uNdikhoyo unathi, kungani ukuba sihlelwe zizinto ezinje? Zaya phi eza zigigaba zezinto ezimangalisayo sasihlala sibaliselwa ngazo ngoobawo, kusithiwa uNdikhoyo wayezenza – ezo wazenzayo nasekubakhululeni kwakhe eJiputa? Kungokunje uNdikhoyo usilahlile; usinikele ezandleni zamaMidiyan."

IINKOKHELI 6:12-13

## Noxa emane ehlangana neengxaki ebomini bakhe, uhlale ecela amandla kuThixo

Noba ungade ungadubuli umkhiwane,
umdiliya ungabi nazo neziqhamo,
nokuba awungevelisi nto umnquma,
namasimi ngokwawo angabi
nasivuno,
zingade zingabikho iigusha esibayeni,
nobuhlanti bungabi nazo nazinkomo,
ewe, khona kungade kube njalo,
kodwa mna ndochwayita kuNdikhoyo,
ndibe nemihlali kuThixo
ondisindisayo.
Amandla am nguMhlekazi uNdikhoyo;
uzenza iinyawo zam zibe
njengezenxala;
ngaye ndihamba kweziphezulu
iindawo.

UHABHAKUKI 3:17-19a

## Ngelinye ixesha uyathandabuza

Ngelinye ixesha udinga ukholo, njengomfundi onguTomas owayengakholelwa ukuba uYesu okunene uvukile ekufeni.

UTomas, omnye wabafundi abalishumi elinambini, lo kuthiwa nguWele, wayengekho phakathi kwabafundi ukufika kukaYesu kubo. Ke ngoko abanye abafundi bathi kuye: "Siyibonile iNkosi!"

Kodwa yena wathi kubo: "Ndingekawaboni nje amanxeba ezikhonkwane ezandleni zayo, ndifake umnwe emanxebeni ayo, nesandla sam ndisifake ephangweni layo, andisoze ndikholwe."

NgeCawe elandelayo, behlangene kwakhona endlwini

abafundi bakaYesu, ekho noTomas, wafika uYesu, iingcango zivaliwe, wathi: “Uxolo malube nani.” Waza wathi kuTomas: “Faka apha umnwe wakho, uzibone izandla zam. Solule isandla sakho, usifake ephangweni lam. Yeka ukungakholwa oku! Kholwa!”

Waphendula uTomas wathi kuye: “Nkosi yam! Thixo wam!”

Wathi kuye uYesu: “Uyakholwa ngoku, kuba undibonile? Hayi uyolo lwâbo bakholwa bengandibonanga!”

UYOHANE 20:24-29

## Ngelinye ixesha uba neentloni ukuvuma ukuba uyamazi uYesu

UPetros ke wayehleli ngaphandle eyadini. Seza kuye esinye sezicakazana, sathi: “Nawe ubunaye uYesu waseGalili.”

Kodwa yena wakhanyela phambi kwabo bonke, esithi: “Andazani konke nale nto uyithethayo.”

Waphuma ke, esiya ngasesangweni, wabonwa sesinye isicakazana, esathi kwababelapho: “Naye lo wayenaye uYesu waseNazarete.”

Waphinda ke wakhanyela uPetros, wathi: “Inene, andimazi loo mntu.”

Kwakuba mzuzwana, abo babemi apho baya kuPetros, bathi: “Inene, ungomnye wabo. Nokuthetha oku kwakho kuyakudiza.”

Wasuka waziqalekisa efunga esithi: “Andimazi loo mntu!”

Kwathi ke kwangoko yakhala inkuku. Walikhumbula ke uPetros ilizwi awayelithethe kuye uYesu, esithi: “Ingekakhali inkuku, woba undikhanyele kathathu.” Waphuma waya phandle, walila kabuhlungu.

UMATEWU 26:69-75

## Ngelinye ixesha uyaphazama ...

Kwathi ngentlako-hlaza ngexesha iikumkani zazidla ngokulwa iimfazwe ngalo, uDavide wandulula uJowabhi kunye namaphakathi nawo wonke umkhosi wakwaSirayeli. Bawachitha-chitha ama-Amon, basingqinga nesixeko sawo iRabha. Ke yena uDavide wayeshiyeke eJerusalem.

Ngamhla uthile, ukujika kwelanga, kwathi uDavide esahamba-hamba kumgangatho ophezu kophahla lwebhotwe, esandula ukuvuka emandlalweni wakhe, wabona umfazi ehlamba umzimba. Yaye iyinzwakazi kanobom leyo. Wathumela umntu uDavide, efuna ukuqonda ukuba wayengubani na loo mfazi. Kwathiwa: “NguBhashebha, intombi kaEliyam. Ngumka-Uriya, umfo waseHeti.”

UDavide ke wathumela izigidimi ukuba zize naye. Waziswa ke kuye, waza yena walala naye. Oku kwenzeka xa loo mfazi wayesandula ukuzihlambulula emva kokuba sexesheni. Emva koko uBhashebha wabuyela emzini wakhe. Wamitha ke

loo mfazi, waza wathumela kuDavide
esithi: "Ndikhulelwe."

2 KASAMWELI 11:1-5

## Uza kuThixo afumane uxolelo

UThixo umnika ithuba lokuba aqale iqalelo elitsha, ze aphinde afumane ukonwaba kwakhona.

Awu, Thixo, ndiyatarhuzisa!
Ngenxa yezibele zothando lwakho,
nobubanzi benceba yakho,
    nceda uzicime iziphoso zam!
Ndihlambe ndahlukane nabo
    bonke ububi;
ndenze ndibe nyulu, ndingabi nasono!

Kaloku ndiyabuvuma ubugwenxa bam;
isono sam sindithukuthezele.
Eyona ngcambu yesono sam kukuba
    ndone wena kanye,
ndenze into ekuhlazisayo.
Ngoko ke undigwebe ngakhona;
isigwebo sakho sifanelekile.
Kaloku ndaba gwenxa
    kwasekuzalweni;
ndaba ngumoni ndisakhawulwa
    nje nguma.
Ewe, wena uthanda umntu
    onyanisekileyo;
ndincede undiphe ingqiqo enzulu.
Ndihlambe undicokise ndicoceke;
ndihlambe ndibe mhlophe qhwa,
ndibe ngaphezu kwalo nekhephu.
Mandiphuphume luvuyo nemincili;
nakuba undikrobozile nje,
    mandonwabe.
Bufihle ubuso bakho ezonweni zam,
ubususe bonke ubugwenxa bam.

Ewe, Thixo, intliziyo yam yidale
    ngokutsha, ibe nyulu;
wuhlaziye umoya wam, ndikhaliphe.
Musa ukundigxotha, Nkosi yam;
ungawuthathi uMoya wakho kum.
Ndibuyisele uvuyo losindiso lwakho,
undixhase ngoMoya wakho,
    khon' ukuze ndikuthobele.
Ke, bona aboni ndiya kubafundisa
    imiyalelo yakho,
baguquke, beze kuwe.

Awu, Thixo, ndihlangule ekufeni!
Nguwe, Thixo, ondisindisayo.
Ke mna ndiya kudanduluka,
ndicule ngokulunga kwakho.
Vula imilebe yam, Nkosi,
khon' ukuze ndikubhengeze ngawo
    umlomo wam.

Kaloku wena akunanze mibingelelo.
Ndingafanelana ndisenza amadini
    atshiswayo;
akangekwanelisi wena.
Umbingelelo owufunayo, Thixo,
    yintliziyo ethobekileyo.
Intliziyo ethobekileyo neguqukayo,
    wena Thixo, akuyideli.

Khawuncede uyivelele iZiyon,
    uyilungiselele;
khawuphinde uzakhe iindonga
    zeJerusalem.
Uya kwandula ke waneliswe
    yimibingelelo efanelekileyo;
amadini atshiswayo,
    nditsho natshiswa ephelele.
Kobingwa neenkunzi eqongeni
    lakho lamadini.

INDUMISO 51:1-19

# UBA NOBUDLELWANE NABANYE ABANTU

**Akahlali yedwa. Uba nobudlelwane nabanye abantu. Ubuhlobo ngabunye anabo bubudlelwane obubodwa yaye unezinto azinyanzelisa ukuba azenze.**

**Suke ufumanise ukuba: Ndiyindoda!**

## Ungumyeni

### Yena nenkosikazi yakhe bangabahlobo

Uthe ke uNdikhoyo uThixo emva koko: "Akukuhle ukuba le ndoda ihlale ililolo. Kuhle ndiyenzele umlingane onokuncedisana nayo."

UNdikhoyo uThixo wayethathe umhlaba wabumba zonke iinyamakazi neentaka, wazisa kuloo ndoda ukuba izithiye amagama. Zawafumana njalo ke amagama azo ezo zinto. Yazithiya amagama zonke iintaka neenyamakazi loo ndoda, kodwa akubangakho nanye kuzo eyafanela ukuba ngumlingane wayo.

Usuke uNdikhoyo uThixo wayihlisela obunzulu bona ubuthongo obu indoda leyo. Ithe isalele njalo wakhupha ubambo kuyo, wabuya wayivala loo ndawo. UNdikhoyo uThixo udale umfazi ngolo bambo waluthathayo endodeni, wamsa kuyo. Ithe ke indoda:

> "Nanku ke oyena-yena!
> Lithambo lamathambo am,
> nenyama yeenyama zam.
> Kuya kuthiwa ngumfazi,
> kuba uthathwe kumfo."

Yiyo ke loo nto indoda imshiya uyise nonina, inamathele kumkayo, baze babe mntu mnye.

EYEZIQALO 2:18-24

### Umthanda kakhulu unkosikazi wakhe

UIsake umngenise uRabheka kulaa ntente yayiyekanina uSara, wamenza umkakhe. UIsake wayemthanda kakhulu uRabheka, kangangokuba savaleka nesikroba esabangwa kukusweleka kukanina uSara.

EYEZIQALO 24:67

UYakobi wayemthanda uRakeli kangangokuba wayezimisele ukusebenza iminyaka esixhenxe esebenzela utata kaRakeli uLabhan ukuze akwazi ukutshata uRakeli.

UYakobi waphangela isixhenxe sonke seminyaka, esebenzela ukufumana uRakeli. Lonke elo xesha laba ngathi ziintsuku nje ezimbalwa kuye, kuba wayemthanda uRakeli.

EYEZIQALO 29:20

**Uyeyona nkosikazi intle kuye**

Njengenyibiba phakathi kwameva
sinjalo isithandwa sam phakathi kweentombi.

UNCUTHU LWENGOMA 2:2

**Uyambuka amncome unkosikazi wakhe**

Waza wamhle,
sithandwa sam!
Ewe, uyinzwakazi ke khona!
Amehlo – hotyazana lakwabani!

UNCUTHU LWENGOMA 1:15

Azintle ngako ezo nyawo
zisezimbadadeni,
nditsho wena ke, nkosazanandini.
Naloo milenze ngathi ziintsimbi
zokuhombisa,
ngathi yenziwe zizandla zengcibi.
Inkab' engqukuva ngathi yingqayi
ehlal' inewayini exutyiweyo.
Isisu ngathi yingqumba yengqolowa,
yona ijikelezwe ziinyibiba.
Amabele ngathi ngamawele,
nditsho amatakane enxala.
Intamo injengenqaba yamabamb'
endlovu.
Amehlo anjengamachibi
aseHeshbhon,
lawo angasesangweni leso sixekokazi.
Impumlo ngathi yinqaba
yaseLebhanon,
leyo ikhangelene neDamasko.
Intloko ithe cwa, ngathi yintaba
iKarmele.
Iinwele ngathi lilaphu elimfusa –
buhle bazo buthimba nokumkani.

UNCUTHU LWENGOMA 7:1-5

**Uyakonwabela ukuthandana nenkosikazi yakhe**

Yeka loo mfaneleko, awumhle ngako!
Uthando lwakho luyahlasimlisa.
Yintw' eluthi ngathi lisundu,
emabele ngathi zizihloko zeediliya.
Ndosuka nditsiwule kwelo sundu,
ndiqhawule kwezo ziqhamo.

UNCUTHU LWENGOMA 7:6-8a

**Bobabini bayazanelisa izidingo zabo zesondo**

Kodwa ukuphepha ukurheletya elowo makabe nowakhe umfazi, aze elowo umfazi abe neyakhe indoda. Indoda mayimkholise umfazi wayo; nomfazi makenjenjalo endodeni yakhe. Umfazi akanagunya kowakhe umzimba; yindoda enalo. Kwangokunjalo ke nendoda ayinagunya kowayo umzimba; ngumfazi onalo. Musani ukwala ukuhlangana, ngaphandle kokuba nivumelene ukungahlangani okomzuzwana, nisenzela ukuba nibe nethuba lokuthandaza. Emva koko ke ze nibuye nihlangane, hleze uSathana anihende ngenxa yokungabi nako kwenu ukuzibamba.

1 KWABASEKORINTE 7:2-5

**Unyanisekile kuye**

Uthando nentembeko kaYesu Krestu yokuzinikela ebandleni lakhe ngumzekelo awulandelayo emtshatweni wakhe.

Nina madoda, bathandeni abafazi benu, kanye ngale ndlela alithande ngayo uKrestu ibandla, waza wanikela ngobomi bakhe ngenxa yalo.

Ngoko ke amadoda afanele ukuba nebhongo lokubathanda abafazi bawo, kanye ngale ndlela azithanda ngayo iziqu zawo. Indoda emthandayo umfazi wayo iyazithanda. (Akakho umntu ongazithandiyo, endaweni yaloo nto uyazondla azixhase, kanye njengokuba noKrestu elilungiselela ibandla. Kaloku singamalungu omzimba wakhe.) Kunjengoko neziBhalo zisitsho ukuthi: "Ngoko ke indoda iya kumshiya uyise nonina, imanywe nomfazi wayo, baze abo babini badibane babe banye." La mazwi atyhila inyaniso enzulu; ke mna ndithi isingisele kuKrestu nebandla. Kambe ke ikwasingisele nakuni. Ngoko ke yonke indoda mayimthande umfazi wayo, kanye ngale ndlela izithanda ngayo nayo.

KWABASE-EFESE 5:25,28-33a

## Ungutata ebantwaneni bakhe

### Yena nosapho lwakhe bakhonza iNkosi

UElikana ubuye waya nosapho lwakhe eShilo ukuya kunikela kuNdikhoyo idini lonyaka kunye nelesithembiso. UHana wasala ekhaya. Wathi kumyeni wakhe: "Ndakulululumla usana lwam, ndolusa endlwini kaNdikhoyo, luhlale phambi kwakhe ubomi balo bonke."

1 KASAMWELI 1:21-22

### Yonke imihla uxelela abantwana bakhe ngoThixo

"Hoyina, Sirayeli! UNdikhoyo nguThixo wethu, uNdikhoyo yedwa qwaba! Ngoko ke mthande uNdikhoyo uThixo wakho ngomxhelo wakho wonke, nangomoya wakho wonke, ngokunjalo nangamandla akho onke. Le miyalelo ndikunika yona namhlanje mayilawule bonke ubomi bakho. Uze uyibethelele ekufundiseni abantwana bakho, uthethe ngayo xa usekhaya, kanti noba useluhambeni, naxa ulalayo, ngokunjalo naxa uvukayo. Uze uyiqhinele ibe ngumqondiso esandleni sakho, ngokunjalo nasebunzi, khon' ukuze ihlale isisikhumbuzo. Uze uyikrole emigubasini, ngokunjalo nasemasangweni akho."

UHLAZIYO-MNQOPHISO 6:4-9

### Unomnqweno wokuba abantwana bakhe bahlale bekuThixo

UYobi wayesoloko exhalabile ngobudlelwane babantwana bakhe noThixo.

Ke kaloku oonyana bakaYobi babedla ngokuqokelelana benze umbhiyozo endlwini yalowo yayiyimini yakhe. Babemema noodade babo abathathu ukuza kutya basele kunye nabo. Wakuba lo mbhiyozo ujikeleze kubo bonke uYobi wayedla ngokubabiza abantwana bakhe ukuze abahlambulule. Wayevuka kusasa kakhulu, abenzele amadini atshiswayo ngabanye ngabanye. Kaloku uYobi wayesithi: "Mhlawumbi kusenokwenzeka ukuba abantwana bam bonile bamtshabhisa uThixo ezintliziyweni zabo." Wayesenjenjalo ke uYobi ngayo yonke imihla yakhe.

UYOBI 1:4-5

**Ufundisa abantwana bakhe ukuba bathembe uThixo**

Kanti ke abaphilayo ngabo abakudumisayo,
njengokuba nam ndisenjenjalo namhlanje;
ooyise bona bagqithisela kubantwana,
bebaxelela ngokunyaniseka kwakho.

UISAYA 38:19

**Uphatha abantwana bakhe ngobulumko**

Nina ke, bazali, abantwana musani ukubaphatha gadalala, bade babe nenzondo, koko banikeni ingqeqesho nemiyalo yobuKrestu.

KWABASE-EFESE 6:4

**Ufundisa abantwana bakhe ukuba bathobeke**

Mfo wam, yithobele ingqeqesho
kayihlo,
ungazityesheli neziluleko
zikanyoko.
Zona ziya kuyiphuhlisa ihambo yakho,
oku kwentsimbi ehombisa intloko,
nditsho oku kwamaso anika intamo
umfaneleko.

IZAFOBE 1:8-9

**Abantwana bakhe ubamkela ngale ndlela bayiyo**

Bazali, nina musani ukubacaphukisa abantwana bade bakruquke.

KWABASEKOLOSE 3:21

**Uhlala ebathanda abantwana bakhe noxa besenokwenza into engafanelekanga emkhathaza kakhulu**

UAbhasalom wagebenga umnakwabo uAmnon ebuyisa isixhiba. Utata wabo, uKumkani uDavide, wadandatheka kakhulu akuyiva loo nto.

Zafika kuDavide besesendleleni egodukayo ezo ndaba zithi: "UAbhasalom ubabulele bonke oonyana bakakumkani, akwasala noba abe mnye." Ukumkani wathi khwasu kwangoko, wakrazula izambatho zakhe, waqungquluza emhlabeni. Amaphakathi akhe onke nawo azikrazula ezawo izambatho emi ngakuye.

Kwesi sithuba kuvele uYonadabhi unyana kaShama umntakwabo-Davide, wathi: "Umhlekazi makangeva kusithiwa babulewe bonke oonyana bakhe; kufe uAmnon yedwa. Loo nto yenzeka kuba uAbhasalom wagqiba kwangalaa mhla uAmnon wadlwengula udade wabo ukuba uya kuze ambulale. Ngoko ke umhlekazi makangazihluphi ngokucinga okokuba oonyana bakhe bafe bonke. Hayi, nguAmnon yedwa lo ufileyo."

Ke yena uAbhasalom wabaleka wabhaca.

2 KASAMWELI 13:30-34a

Noxa wayenale ntlungu ayiviswe ngunyana wakhe uAbhasalom, uDavide waqhubeka wamthanda.

Kwesi sithuba uJowabhi unyana kaZeruya waphawula ukuba ukumkani uDavide wayeselenxubile kukukhumbula uAbhasalom.

2 KASAMWELI 14:1

Ukumkani wabayalela ooJowabhi noAbhishayi kunye noItayi, wathi: "Nize nindincede niyiphathe kakuhle laa ntwana inguAbhasalom." Loo myalelo kaDavide awayewubhekisa kwiinjengele weviwa ngawo onke amadoda omkhosi.

2 KASAMWELI 18:5

**Ngelinye ixesha uyasilela ekukhuliseni abantwana bakhe**

Oonyana bakaEli umbingeleli basebenzisa eli thuba lokuba bengababingeleli, belisebenzisa kakubi ngeendlela ezahlukileyo. Waba ngabalumkisa utata wabo, abammamela tu.

UEli ngeli xesha wayeselaluphele mpela. Wayesoloko esiva ngemikhwa emibi yoonyana bakhe kumaSirayeli. Wayiva nento yokuba babelala abafazi ababekhonza ngasemasangweni enkundla yesibingelelo sikaNdikhoyo. Wabakhalimela wathi: "Yeyantoni le ntlondi niyenzayo ebaliswa ngabantu bonke! Hayi, bantwana bam, imbi le nto endiyiva ithethwa ngani ngabantu bakaNdikhoyo! Kaloku umntu one omnye umntu angathethelelwa phambi koThixo; angalanyulelwa kanjani ke xa one uNdikhoyo ngokwakhe?"

Ke bona oonyana bakhe abazange bamhoye.

1 KASAMWELI 2:22-25a

## Ungutata kumkhwenyana wakhe

Uba nomdla wokuqhubekayo ebomini bomkhwenyana wakhe ze anike iingcebiso ezilungileyo.

UMosis wabalisela uJetro ngazo zonke izenzo zikaNdikhoyo kumaJiputa, ngokunjalo nangamasuka-ndihlala amaSirayeli ekuphumeni kwawo eJiputa ekhokelwa nguNdikhoyo. UJetro wavuya kakhulu akuziva ezo ndaba zimnandi zokuhlangulwa kwamaSirayeli nguNdikhoyo kumaJiputa. Wadanduluka wathi: "Makabongwe uNdikhoyo onihlangule kukumkani waseJiputa nabantu bakhe."

EYEMFUDUKO 18:8-10

Khawuphulaphule ke ndikucebise; ngamana wakunceda ke uThixo. Into ofanelwe kukuyenza kukuzakuzelela abantu kuThixo, use imicimbi yabo kuye.

EYEMFUDUKO 18:19

Noxa kunjalo, uvumela umkhwenyana wakhe ukuba aphile ubomi bakhe ze avane naye.

Ke kaloku uMosis wagoduka waya kwaJetro uyise womkakhe, wafika wathi: “Ndikhulule ndiye eJiputa kumawethu, khon’ ukuze ndive impilo yawo.”
Wathi uJetro: “Hamba. Ndlela-ntle!”

EYEMFUDUKO 4:18

## Ungunyana kutata wenkosikazi

Uyamhlonipha utatazala yaye uyavana naye.

OoJetro ke badibana noMosis entlango, emise ngasentabeni kaThixo. Lafika ke ilizwi kuMosis, livela kuJetro, esithi: “Ndiyeza nomkakho noonyana bakho bobabini.” Waphuma ke uMosis, wabahlangabeza. Akufika kuyise womkakhe wakhahlela wamanga. Babuzana impilo ke, baya kungena endlwini kaMosis.

UMosis wabalisela uJetro ngazo zonke izenzo zikaNdikhoyo kumaJiputa, ngokunjalo nangamasuka-ndihlala amaSirayeli ekuphumeni kwawo eJiputa ekhokelwa nguNdikhoyo. UJetro wavuya kakhulu akuziva ezo ndaba zimnandi zokuhlangulwa kwamaSirayeli nguNdikhoyo kumaJiputa. Wadanduluka wathi: “Makabongwe uNdikhoyo onihlangule kukumkani waseJiputa nabantu bakhe. Ngoku nam ndiyangqina ukuba ehlabathini akakho olingana noNdikhoyo, kuba yena amaSirayeli uwahlangule kolungaka lona ulunya lwamaJiputa.”

EYEMFUDUKO 18:5-11

## Ungumhlobo othembekileyo

Umhlobo unothando ngamaxesha onke;
ke yena umntakwenu uzalelwe ukuba nawe kwiimbandezelo.

IZAFOBE 17:17

**Uthandazela abahlobo bakhe**

Emva kwale ntetho kaNdikhoyo noYobi uNdikhoyo ubhekise kuElifazi waseTema, wathi: “Umsindo wam uyavutha kuwe nakubahlobo bakho ababini, kuba anithethanga nto iyiyo ngam njengesicaka sam uYobi. Ngoko ke thathani iinkunzi zeenkomo ezisixhenxe, neenkunzi zeegusha ezikwasixhenxe, niye nazo kwisicaka sam uYobi, nizenzele idini elitshiswayo. Ke yena uYobi isicaka sam uya kunithandazela; ibe ke mna ndiya kuwamkela loo mthandazo wakhe, ndinganiphathi ngokobudenge benu. Kaloku nina anithethanga nto iyiyo ngam njengoko enzileyo yena uYobi isicaka sam.”

Ngenene ke uElifazi waseTeman noBhildadi waseShuwa noZofare waseNama benza ngokomlomo kaNdikhoyo, waza ke yena wawamkela umthandazo kaYobi.

Akuba ke uYobi ebathandazele abahlobo bakhe kuNdikhoyo, uNdikhoyo waphinda wambuyisela uYobi kundalashe. Ewe, ubutyebi bakhe wada wabuphinda-phinda.

UYOBI 42:7-10

**Unefuthe elakhayo kubahlobo bakhe**

Iintsimbi ziyalolana;
ngokunjalo ke nezihlobo ziyakhuthazana.

IZAFOBE 27:17

## Wahlukene nomlingane wakhe

Noxa izinto ezininzi zisahlula nabanye abantu, akukho nto inokusahlukanisa nothando lukaThixo.

Ngubani na oya kubamangalela abanyulwa bakaThixo, inguThixo nje obagwebelayo? Ngubani onokubagweba, ethe wafa nje uKrestu, wathi ngaphezu koko wabuya wavuka, waza waya kuhlala ewongeni kwaThixo, apho asithethelela khona? Ngubani ke onokusahlukanisa nothando lukaKrestu?

Kaloku ndiqinisekile kukuba asikuko nakufa, nabomi, nazithunywa zezulu, nazilawuli, nanto zikhoyo, nanto zizayo, naziphathamandla, nanto ziphezulu, nanto zingaphantsi, nditsho nasiphi na isidalwa, esiya kuba nako ukusahlula nothando lukaThixo olukuye uKrestu Yesu, iNkosi yethu.

KWABASEROMA 8:33-35a,38-39

# UBA NOBUDLELWANE NESIQU SAKHE

**Yonke imihla, uyazi ukuba umzimba wakhe nomoya wakhe udinga ntoni na. Uyayiqonda into yokuba uThixo uhoye ubuyena bakhe bubonke.**

**Suke ufumanise ukuba: Ndiyindoda!**

## Uyayiqonda into yokuba udalwe ngokomfanekiso kaThixo

Wamdala ke uThixo umntu. Wamenza wangumfuziselo wakhe. Wadala umntu oyindoda kwakunye nomntu obhinqileyo.

EYEZIQALO 1:27

## Uyazama ukubonisa umfanekiso kaThixo ngendlela aphila ngayo

Nani ke ngokuyâ naningekaguquki naniziphethe ngolu hlobo.

Kodwa ke ngoku zilumleni kuzo zonke ezi zinto: ingqumbo, iphuku, ububi, ukuthuka, nokuthetha krwada. Ngoku nisilahlileyo isimo esidala sanukuxokisana. Kaloku ngoku nambethe isimo esitsha, athe chu kuhle ukusihlaziya uThixo, ukuze sifuze yena mdali waso, nokuze nani nimazi ngokupheleleyo.

KWABASEKOLOSE 3:7-10

## Uyawukhathalela umzimba wakhe

Uyayiqonda into yokuba umzimba wakhe yitempile yoMoya oyiNgcwele ze awusebenzisele uzuko lukaThixo.

Kucezeleni ukurheletya. Ezinye izono umntu anokuzenza aziwungcolisi umzimba, kodwa yena umrheletyi wona umzimba wakhe. Anazi na ukuba imizimba yenu yindlu kaMoya oyiNgcwele, ahlala kuyo, evela kuThixo? Kaloku aningobenu; ningabakaThixo owanithenga ngexabiso elikhulu. Mdumiseni ke uThixo ngemizimba yenu.

1 KWABASEKORINTE 6:18-20

## Uyazazi ukuba uyintandane kuThixo

Ngoku ke uNdikhoyo, umdali wakho, Yakobi, nombumbi wakho, Sirayeli, uthi:

> "Uze ungaxhali wena,
> ndikuhlawulele;
> ndikubize ngegama,
> ungowam ncakasana.
> Noba sewucand' emanzini,
> mna ndiya kuba nawe;
> noba sowuwela imilambo,
> ayisoze ibe nako ukukukhukulisa;
> nditsho sowucand' emlilweni,
> soze urhawuke;
> amadangatye akanakukutshisa
> wena.
> Kaloku mna Ndikhoyo
> ndinguThixo wakho,
> uYedwa kaSirayeli,
> uMhlanguli wakho."

UISAYA 43:1-3a

## Uyayazi ukuba uThixo umdalele injongo ethile

UThixo waqinisekisa umprofethi uJeremiya ngenjongo eyodwa anayo ngobomi bakhe.

Lavakala kum ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

> "Ndakwazi ndingekakubumbi
> esizalweni sonyoko;
> ndazahlulela wena ungekazalwa,
> ndakwalatha ukuba ube
> ngumshumayeli kwiintlanga."

Mna ndiphendule ngelithi: "Awu, Nkosi yam Ndikhoyo, andikwazi ukuthetha; ndisengumntwana."

Uthe yena kum uNdikhoyo: "Mus' ukuthi usengumntwana! Yiya kubo bonke abantu endikuthuma kubo, ubaxelele konke endikuyalela kona. Uze ungaboyiki, kuba mna ndiza kuba nawe, ndikuhlangule. Kutsho mna Ndikhoyo."

UJEREMIYA 1:4-8

## Uqinisekile ngenjongo yakhe

Injongo yakhe kukuzukisa uThixo ngobomi bakhe bonke.

Nani niyazi ukuba kukhuphiswano lweembaleki baba baninzi abazigqatsayo, kodwa mnye kuphela kubo ozuza imbasa. Nani ke balekelani ukuze nifumane imbasa. Nabani na ozigqatsayo kukhuphiswano uba phantsi kwengqeqesho engqongqo. Le nto uyayinyamezela khon' ukuze afumane isithsaba esibunayo. Kodwa

thina siyenza siza kuzuza isithsaba esingagugiyo. Yiloo nto endenza ndithi ngqo, ndisukele ukuya kufika entanjeni. Ikwayiloo nto endenza ndifane nembethi-manqindi engachithi xesha ngokubetha umoya. Ndiwuphatha gadalala umzimba wam, ndiwuqhelisa, ukuze uhlale ulawuleka; hleze ndithi ndakuba ndibashumayezile abanye, mna ngokwam ndingamkeleki.

1 KWABASEKORINTE 9:24-27

# UNEEMVAKALELO

**Ukuba yindoda akuthethi ukuba akanazimvakalelo. Iimvakalelo zakhe ziyinxalenye engenakwahlukaniswa nobudoda bakhe. Izinto ezimnandi ebomini uyazonwabela kakhulu. Ngamanye amaxesha, uba neemvakalelo zodandatheko ezifana nokuba buhlungu, ukudangala okanye azive ejongelwe phantsi.**

**Suke ufumanise ukuba: Ndiyindoda!**

## ILizwi likaThixo liyamchukumisa

Babefunda encwadini yomthetho kaThixo, baze ke batolike beyichaza ukuze ivakale ebantwini loo nto ifundwayo.

Ke umlawuli uNehemiya, ekunye nombingeleli ongumchazi-mthetho uEzra, nabaLevi ababefundisa abantu, bathi kubo bonke: “Le yimini eyodwa kuNdikhoyo uThixo wenu. Ngoko ke musani ukulila nenze isijwili.” Kaloku bonke abantu babentywizisa ngoku bawaphulaphuleyo amazwi omthetho.

UNEHEMIYA 8:8-9

## Intliziyo yakhe izele yimibongo

Emva kweziganeko ezimangalisayo zokuzalwa koYohane uMbhaptizi, utata wakhe uZakariya wambonga uThixo wathi:

“Mayibongwe iNkosi, uThixo
kaSirayeli,
kuba ibavelele yabakhulula abantu
bayo;
kwaDavide isicaka sayo isivelisele
uMsindisi otshatsheleyo.
Nguwo lo umlomo wayo
wamhla-mnene
oweza ngabashumayeli bayo
abangcwele,
ithembisa ukusisindisa ezintshabeni
zethu,
nasesandleni sabo bonke
abasithiyileyo;
isithi yobenzela inceba oobawo
bethu,
iwukhumbule umnqophiso wayo
ongcwele,
isifungo eyasenzela uAbraham ubawo
wethu,
sokusihlangula ezintshabeni zethu,
siyikhonze singenaxhala,
ngobungcwele nangobulungisa
phambi kwayo,
yonke imihla yobomi bethu.”

ULUKA 1:68-75

## Uye adane zizinto azenzayo

Ngexesha letyala likaYesu, uPetros wayesoyika waze wenza ngathi akamazi uYesu. Wathi akuqonda ukuba umngcatshile uYesu, waziva edanile yinto ayenzileyo.

Kwathi ke kwangoko yakhala inkuku. Walikhumbula ke uPetros ilizwi awayelithethe kuye uYesu, esithi: "Ingekakhali inkuku, woba undikhanyele kathathu." Waphuma waya phandle, walila kabuhlungu.

UMATEWU 26:74b-75

## Ngelinye ixesha uziva ekumgangatho ophantsi kunowabanye abantu

Ngelinye ixesha, uziva ngathi akayonto yaye akafanelanga kufumana nto ebomini. UMefibhoshete owayelimele ngenxa yengozi esemncinci, wayeziva ngolu hlobo.

Akufika phambi kokumkani uDavide, uMefibhoshete unyana kaJonatan unyana kaSawule wathi guqaqa ngobuso, wakhahlela kukumkani. UDavide wathi: "Mefibhoshete!"

Yena wathi: "Ndim, mna sicaka sakho."

Uthe kuye uDavide: "Uze ungoyiki. Ndifuna ukukwenzela inceba ngenxa kayihlo uJonatan. Umhlaba kayihlo-mkhulu uSawule ndifuna ukuwubuyisela kuwe, yaye ndifuna udle etafileni yam lonke ixesha."

Ubuye wakhahlela uMefibhoshete, wathi: "Mhlekazi, uyintoni na umkhonzi wakho ukuba uthathe ingqalelo ngenja efileyo enjengam nje?"

2 KASAMWELI 9:6-8

Kodwa uhambe azibone ukuba akekho kumgangatho ophantsi.

Andithi na kaloku ndadalwa nguwe;
nditsho mna kanye lo!
Ewe, wandixonxa wandilunga-lungisa
kwandisekumama.
Ndikubonga ndikubulela ngenxa
yomntu endinguye,
ngenxa yokumangalisa
nokukhwankqisa kwento endiyiyo.
Ewe, iyakhamnqisa kambe
imisebenzi yakho.
Leyo ke into ndiyiqonde pheleleyo.
Uphahla lomzimba wam alungomnqa
kuwe;
okuya ndandibunjwa ekusitheleni
wawukho.
Ewe, ndabunjwa ngokunqabileyo
emajukujukwini.
Kaloku wena wandibona
ndingekenziwa;
imihla owandimisela yona yabhalwa
encwadini yakho,
ndingekayiqali nokuyiqala mna.
Hayi bo, zintsonkothile kambe
iingcamango zakho, Thixo wam!
Yaz'ba zingakanani na ubuninzi!

INDUMISO 139:13-17

## Uphelelwa ngamandla

Ngelinye ixesha kwenzeka izinto angenakuzitshintsha, ezifana nokusweleka komntu amthandayo. UKumkani uDavide wonganyelwa yintlungu akufumana iindaba zokubhubha kukanyana wakhe onogonyamelo uAbhasalom.

"Yena umfana uAbhasalom usindile phofu?"

UmKushe wathi: "Mhlekazi, bendinga into emhleleyo unyana wakho ibinga ingenzeka kuzo zonke iintshaba zakho, nakwabo bakuvukelayo."

Ukumkani waba nengevane, wenyuka waya kwigumbi eliphezu kwesango, wafika walila. Wayehamba elila, esithi: "Yini umntwana wam! Awu, nyana wam Abhasalom, nyana wam Abhasalom! Akwaba ibindim ofileyo, Abhasalom, nyana wam, nyana wam!"

UJowabhi waxelelwa kwathiwa: "Uyabona, ukumkani uzilile, elilela uAbhasalom." Ngaloo mini uvuyo loloyiso lwajika lwaba lusizi kuwo wonke umkhosi kaDavide, kuba eva kusithiwa: "Ukumkani uzilile ngenxa yonyana wakhe." Loo mkhosi wabuyela edolophini unyoshoza oku komkhosi obaleke edabini. Wazigquma ubuso ukumkani, watsho esikrakra isikhalo, esithi: "Yini umntwana wam uAbhasalom! Abhasalom, nyana wam, nyana wam!"

2 KASAMWELI 18:32 – 19:4

## Uye afumane ubuhlungu bokubulaleka

Ngelo thuba ke ukumkani uHezekiya wahlabeka, waza wagulela ukungabikho. Umshumayeli uIsaya, unyana ka-Amozi, waya kumbona, waza wathi kuye: "UNdikhoyo uthi: 'Lungisa imicimbi yomzi wakho ime kakuhle, kuba uza kufa, awuzukuphila.' "

Ke uHezekiya wasuka wafulathela, wajonga eludongeni, wathandaza kuNdikhoyo, wathi: "Khumbula kaloku, Ndikhoyo, ukuba oko ndakunqulayo ndikukhonza ngentembeko nokunyaniseka, ndaba soloko ndihamba ngokomyalelo wakho." Suka ke wangqukruleka kabuhlungu.

UNdikhoyo wayalela uIsaya ngelithi: "Xelela uHezekiya uthi: 'Nali ilizwi eliethethwa nguNdikhoyo uThixo kayihlo uDavide: Ndiwuvile umthandazo wakho, ndazibona neenyembezi zakho. Ndiza kubongeza ngeminyaka elishumi elinesihlanu ubomi bakho. Futhi ndiza kukuhlangula wena kunye nesi sixeko kwisandla sokumkani waseAsiriya. Esi sixeko ndiza kusikhusela.' "

UISAYA 38:1-6

## Uye akhathazeke ngenxa yezinto ezimehlelayo

Ukufika kwabo ooDavide bafika loo dolophu iluthuthu, abafazi noonyana kunye neentombi zabo kumkiwe nazo. Hayi ke, abhomboloza loo madoda ada aphelelwa ngamandla. Kwakuthathwe nabafazi ababini bakaDavide, uAhinowam waseYizereli kunye noAbhigeli umhlolokazi kaNabhali waseKarmele.

Wazibona selesengxakini embi uDavide, kuba amadoda akhe ayefuna ukumxuluba ngamatye, kuba ayekhathazekile ngenxa yokuduka kweentsapho zawo. Kodwa uDavide wazomeleza ngokuthembela kuNdikhoyo uThixo wakhe kuyo yonke loo nto.

1 KASAMWELI 30:3-6

# UYASEBENZA

**Yindoda enoxanduva oluninzi. Unezinto ekufuneka azenze emsebenzini nasekhaya. Uchitha ixesha elininzi namandla amaninzi ekhulisa ikhondo lakhe ze ancedise nasendlwini.**

**Suke ufumanise ukuba: Ndiyindoda!**

## Uyaqonda ukuba uThixo umnike umyalelo wokuba asebenze

Emva koko uNdikhoyo uThixo wenza umyezo eIdeni empumalanga, wambeka apho loo mntu wayemenzile. Wahlumisa iindidi zemithi emihle eneziqhamo ezinomtsalane apho eIdeni. Phakathi esidikidikini somyezo kwakukho umthi onika ubomi, nomthi wokucalula okubi nokuhle.

Umntu wabekwa nguNdikhoyo uThixo emyezweni waseIdeni ukuze awulime, awulondoloze.

EYEZIQALO 2:8-9,15

UThixo ukwamyalela ukuba ahoye indalo.

Wabathamsanqelisa uThixo wathi: “Yandani, inzala yenu ilizalise ilizwe, nilongamele. Ndininika igunya phezu kweentlanzi, iintaka, nazo zonke izilo elizweni.”

EYEZIQALO 1:28

## Uyayiqonda into yokuba impangelo asinto ifunyanwa nangubani na

Ayikho enye into angayenzayo umntu ngaphandle kokuba atye asele, ahlale anelisekile kukubulaleka kwakhe. Phofu ke naleyo ndafumanisa ukuba iphuma kwasesandleni sikaThixo, kuba kaloku ngaphandle kwakhe akukho mntu ungatyayo okanye onwabe.

AMAVA ENGQONDI 2:24-25

## Uyayazi ukuba, uThixo ulindele ukuba asebenze nzima

Ndiyaniyala, mawethu, ngegunya legama leNkosi uYesu Krestu, ukuba nizikhwebule nakubani othi ulikholwa abe engenwe ngumkhwa wokungakhathali, nakulowo uyidelayo imfundiso yethu. Nazi mhlophe ukuba nina nimelwe kukuhamba ekhondweni lam. Mna bendingavilaphi phakathi kwenu. Bendingenanto ndiyifumana nje mahala, ndingayisebenzelanga. Bendisebenza nzima ubusuku nemini, endaweni yokuba ndibe ngumthwalo kuni. Ewe, bendinalo ilungelo lokuyifumana kuni inkxaso, koko ndithande ukuninika umzekelo. Kaloku ndandithe kuni: "Umntu olinqenerha makangaphiwa kutya."

Le ntetho ndiyenziswa kukuba ndive ukuba abanye kuni bahlala ngokungakhathali. Akukho nto bayenzayo ngaphandle nje kokuzifaka kwimicimbi yabanye abantu. Bonke ke abo ndibayala egameni leNkosi uYesu Krestu, ndisithi mabaziphathe kakuhle, basebenze, bazixhase.

2 KWABASETESALONIKA 3:6-12

## Uxakeke kakhulu, ngoko ke kufuneka adlulisele omnye umsebenzi kwabanye

Kwangentseni ngomhla olandelayo uMosis waba sisinxadanxada, echophele amatyala, esombulula iingxaki zamaSirayeli kwada kwahlwa.

Uthe ke uJetro akuyibona le meko yokuxakeka kukaMosis, wabuza wathi: "Khawutsho, yintoni kanye le niyenzayo naba bantu bakho? Khona, ngani ukuba ube wedwa, bona beze bengumngcelele, bafike bakuphahle kwangentseni kude kuhlwe?"

UMosis waphendula wathi: "Kaloku aba bantu beza kum khon' ukuze ndibabeke emkhondweni mayela nentando kaThixo, kuthi xa benembambano beze kum ukuze ndibalamle ndibachazele imimiselo nemiyalelo kaThixo."

Ke yena uJetro wathi kuMosis: "Hayi, nyana, olu hlobo wenza ngalo alulunganga. Ngale ndlela uqhuba ngayo uyaziqoba. Uya kuxhwaleka uphel' amandla; naba bantu baya kudinwa yile nto. Kaloku umsebenzi onje awukulingananga uwedwa. Khawuphulaphule ke ndikucebise; ngamana wakunceda ke uThixo. Into ofanelwe kukuyenza kukuzakuzelela abantu kuThixo, use imicimbi yabo kuye. Wena kufuneka ubafundise imimiselo nomthetho kaThixo, ubacacisele indlela yokuziphatha, nako konke okulindelekileyo kubo. Ngaphezulu khetha amadoda aziinkokheli ezifanelekileyo, uwamisele phezu kwamaqela ahlulwa-hlulwe angamawaka, amakhulu, namashumi angamahlanu njalo-njalo. La madoda ke mayibe ngabantu abamthobelayo uThixo, abathembekileyo, abantu abanganyobekiyo. Wona isigxina sawo mayibe kukuchophela imicimbi yaba bantu. Imicimbi elula makayiphicothe ayilungise ngokwawo, ke yona imicimbi ewaxakayo ayizise kuwe. Ngale ndlela ke nawo aya kuba nenxaxheba kulo msebenzi wakho, akuphungulele umthwalo. Ukuba wenjenje ke ngokuvuma kukaThixo, awuyi kuqobeka, futhi ke nabantu aba baya kutsho bavisisane."

Ngenene ke uMosis wenza ngokwecebo likaJetro, wawakhetha

amadoda afanelekileyo kumaSirayeli, wawamisela aziinkokheli phezu kwamaqela ahlulwa-hlulwe angamawaka, amakhulu, namashumi ngamahlanu njalo-njalo. Wona ke aba ngabalamli abavunyiweyo bokuphicotha imicimbi yamaSirayeli. Yonke imicimbi elula yayisonjululwa ngawo, ithi ke ewaxakayo ayigqithisele kuMosis.

EYEMFUDUKO 18:13-26

## Ngelinye ixesha ufumana uxinzelelo emsebenzini

Ekuhambeni kwexesha wathi uPawulos kuBharnabha: "Makhe sityelele amakholwa kuzo zonke iidolophu apho sasikhe salishumayela khona ilizwi leNkosi, siqonde ukuba aphila njani na." UBharnabha wafuna ukuba kuhanjwe noYohane Marko, kodwa uPawulos yena akathandanga ukuba bahambe naye, kuba ngokuya babehambe naye kuqala wajika esithubeni, wabashiya ePamfili. Baxambulisana ke ngale ndawo, bada bagqibela ngokwahlukana. UBharnabha wahamba noMarko, basinga eSipro ngesikhephe. Waza yena uPawulos wakhetha ukuhamba noSilas. Ke amakholwa abanikela ezibeleni zikaThixo, bemka.

UMSEBENZI WABATHUNYWA 15:36-40

## Unikeza uThixo lonke udumo ngempumelelo yakhe

Emva kokuba uThixo ekhokele amaSirayeli wawawelisa uLwandle oluBomvu kumhlaba owomileyo waze watshabalalisa umkhosi waseJiputa elwandle, amaSirayeli aye amdumisa uThixo.

Kwesi sithuba ke uMosis namaSirayeli bahlabela le ngoma, bedumisa uNdikhoyo:

"Ndosuka ndintyiloze ndiculele
uNdikhoyo;
kaloku yena woyise wada
watshatshela.
Ihashe ngokunjalo nophezu kwalo
ulintywilisele phakath' elwandle.
UNdikhoyo yinqaba negwijo lam;
ndinje-nje-nje ndisindiswe nguye.
Nanko ke uThixo wam,
ndiyamdumisa;
nguThixo woobawo,
ndotshila ngaye.

"UMhlekazi yena ulijoni;
igama lakhe nguNdikhoyo."

EYEMFUDUKO 15:1-3

## Uhlala ebambelele kwiziseko zikaNdikhoyo

Akavumeli ukuba impumelelo imze entloko. Xa efikelwa zizilingo, akathandabuzi ngendlela emakayithathe. Uyema angajiki, enze oko uThixo alindele ukuba akwenze.

Wakholiseka nguJosefu uPotifare, wamenza intonga yakhe yasekhosi. Ngoko ke wamenza induna yomzi wakhe nomlawuli wempahla yakhe yonke. Ukususela ngoko uNdikhoyo wawuthamsanqelisa umzi waloo mJiputa, kunye nemfuyo yakhe, namasimi akhe, nayo yonke into awayenayo, ngenxa kaJosefu. Yonke into yakhe ke uPotifare

wayinikela elulawulweni lukaJosefu, akwabikho nto yimbi azikhathaza ngayo ngaphandle nje kokuthatha icephe atye.

UJosefu wayemile kakuhle, eyinzwana yomfana. Kwakuba mzuzu umka-Potifare wafikelwa ngumnqweno ngoJosefu, wazicelela isondo kuye. UJosefu wala, esithi: “Inkosi yam ijonge kum, mna Josefu, ngento yonke yayo; ayisazikhathazi nganto, kuba ithembe mna. Yaye indinike lonke igunya emzini wayo; nguwe kuphela endingenagunya kuye. Ke ndingathini mna ukwenza into embi kangako, ndimone uThixo?” Naxa wazingayo lo mfazi ukucela isondo kuJosefu mihla le, uJosefu yena wala ukuyenza loo nto.

EYEZIQALO 39:4-10

# WENZA UMAHLUKO

**Uyindoda efuna ukwenza umahluko eluntwini. Akoyiki ukuzifaka emingciphekweni. Uyazivakalisa izimvo zakhe, ze ngaloo ndlela enze ihlabathi ukuba libe yindawo engcono. Uyalwazi ubizo lwakhe alunikwe nguThixo yaye ululandela ngentliziyo yakhe yonke.**

**Suke ufumanise ukuba: Ndiyindoda!**

## Unesibindi sokwenza into eza kuzuzisa uluntu lwendawo yakhe

Ngenyanga uNisan kunyaka wamashumi amabini kakumkani uAtashasta, ngethuba lokunikwa kwakhe iwayini, ndayithatha iwayini leyo ndamnika. Ukumkani wayengazange andibone ndilusizi ngaphambili, ngoko ke ukumkani wathi kum: “Ungaguli nje, ngani ke ukuba bunxunguphale kangaka ubuso bakho? Makube ikho into ekuhluphayo entliziyweni.”

Ndasuka ndoyika, kodwa ndathi kukumkani: “Phil’ ud’ ukhokhobe, kumkani! Bebungathini ubuso bam ukungathi rhubaxa xa isixeko abângcwatywa kuso oobawo singamabhodlo, amasango aso etshatyalaliswe ngomlilo?”

Ukumkani wathi kum: “Yintoni ke oyifunayo?”

Ndathandaza uThixo wamazulu, ndaza ke ndathi kukumkani: “Xa kukholekile kuwe, kumkani, nesicaka sakho esi sisamkeleka kuwe, ndithume kwelakwaJuda kwisixeko abângcwatywa kuso oobawo, ukuze ndisivuse.”

Ke ukumkani, enokumkanikazi ecaleni kwakhe, wathi kum: “Loba ngakanani olo hambo; khona, uya kubuya nini?” Kwakholeka ke kukumkani ukundikhulula, ndaza ke ndammisela ixesha.

UNEHEMIYA 2:1-6

## Uyayimela inyaniso

Unomqolo yaye akoyiki ukumela into ethile, nokuba umelana nabaphathi bakhe. Naxa ephikisa izimvo zabanye, uthetha ngembeko. UDaniyeli, umthinjwa esenkundleni yekumkani yaseBhabheli, wema akajika kwimithetho kaThixo ephikisa imiyalelo esuka kukumkani.

Ukumkani uNebhukadenezare wathi kuAshpenazi, intloko yamaphakathi akomkhulu, makakhethe abafana begazi nabomnombo wezikhulu apho kuloo maSirayeli wayewathimbile. Wathi makakhethe iinzwana ezingenasiphako, ezikrelekrele ngengqondo, eziqeqeshekileyo, nezinengqiqo – abafana abakufaneleyo ukugosiswa komkhulu. UAshpenazi wayalelwa ukuba abafundise ukusithetha nokusifunda isiKaledi. Ngaphezu koko ukumkani wayalela ukuba yonke imihla mabaphakelwe kwimbiza kakumkani, ngokunjalo basele nakwiwayini yakhe. Olu qeqesho ke lwaluza kuthatha iminyaka emithathu, emva koko bagosiswe komkhulu. Phakathi kwâbo bakhethiweyo ke kwabakho nabafana bendlu kaJuda: uDaniyeli, uHananiya, uMishayeli, noAzariya. Ke kaloku intloko yamaphakathi akomkhulu yabathiya amagama amatsha; uDaniyeli wabizwa ngokuba nguBhelteshazare, uHananiya ngokuba nguShadraki, uMishayeli ngokuba nguMeshaki, uAzariya ngokuba nguAbhednigo.

Kambe ke yena uDaniyeli wenza isigqibo sokuba angazixabheli ngokutya nangeziselo zalapho ebhotwe. Ngoko ke wacela kwintloko yamaphakathi akomkhulu ukuba avunyelwe ukungazixabheli ngoku kutya.

UDANIYELI 1:3-8

## Akayiqalekisi impathombi

Uyaxolela. UStefano, umKrestu wokuqala owabulawelwa ukholo, waxulutywa wade wabhubha ngamaJuda ngoba wayethetha ngokungafihlisiyo ngeGospile. Kumazwi akhe okugqibela, wacela uThixo ukuba axolele ababulali bakhe.

Athi amalungu eBhunga akuziva ezi zinto zithethwa nguStefano, acaphuka kangangokuba ade abe ngathi osuka amthi qwenge-qwenge. Kodwa uStefano yena ezele nguMoya oyiNgcwele, wakhangela ezulwini, waza wabubona ubuqaqawuli bukaThixo, noYesu emi ewongeni ngakuThixo. Waqhuba wathi: “Khawukhangele! Amazulu ndiwabona evulekile, noNyana woLuntu emile ngasekunene kukaThixo!”

Kwesi sithuba basuka bazivingca iindlebe zabo, bahlahlamba kwathi nkxwe, baza basuka indulumbane phezu kwakhe. Bamkhuphela ngaphandle kwedolophu, bamxuluba ngamatye. Abamangaleli bakaStefano bazigcinisa iimpahla zabo kumfana ogama linguSawule. Bemxuluba njalo ngamatye, uStefano yena wakhala eNkosini esithi: “Nkosi Yesu, wamkele umoya wam!” Waguqa ngamadolo, wadanduluka wathi: “Nkosi, musa ukubabeka tyala ngesi sono!” Akukhov’ ukutsho, wafa ke.

UMSEBENZI WABATHUNYWA 7:54-60

Akabuyisi sixhiba. Ngaphandle kwesizathu, uKumkani uSawule wayefuna ukubulala uDavide owayesemncinci. Ngenye imini waba nethuba elihle lokubulala uSawule. USawule wayeziyele yedwa emqolombeni. Kwindawo awayezimele kuyo ngemva kumqolomba omnyama, uDavide ngewayelubulele lula utshaba lwakhe olwalungacingelanga nto. Kodwa, wala ukuziphindezela kutshaba lwakhe. Engaqatshelwanga, wasika isiqwentshu sengubo kaSawule, waze ngolo hlobo, wabonisa ubungqina bobu msulwa bakhe. Emva kwethuba, waya kuthetha noSawule wamxelela loo nto ayenzileyo:

"Mhlekazi, kungani na ukuba uhambisane nolwimi oluthi mna ndizungula ukukwenzakalisa? Wena akuyiboni into yokuba khona ngoku uNdikhoyo ebekunikele esandleni sam phaya kulaa mqolomba? Bekusithiwa mandikucim' igama, kodwa ndaba nenceba, ndala konke mna ukukubulala, kuba kaloku wena ungukumkani, umthanjiswa kaNdikhoyo. Bawo, khangela, nali isondo lesambatho sakho esandleni sam! Ngendikucim' igama, koko ndisuke nje ndasika le ndawo engubeni yakho. Yazi ke ngoku uqonde ukuba mna andikhange ndafuna kukuvukela okanye kukwenzakalisa. Nguwe ozingela mna, ufuna ukundibulala, naxa ndingakwenzanga nto imbi. Wanga ke uNdikhoyo angahlula phakathi kwam nawe. Ubenga angandiphindezela ngenxa yobubi ondenzele bona. Mna andingekhe ndikuse sandla. Kaloku sitsho njalo isaci samandulo ukuthi: 'Inkohlakalo iphuma kwabakhohlakeleyo.' Ke mna andiyi kukusa sandla konke. Ngaba úyayiqonda yona le nto ayileqayo ukumkani wamaSirayeli? Yintoni le ayisukelayo? Ngaba usukela inja efileyo okanye intakumba enye? Hayi, makahlule uNdikhoyo, kucace ukuba ngubani owonileyo phakathi kwam nawe. Makayigqale imeko yam, andigwebele, ancede andihlangule kuwe!"

1 KASAMWELI 24:9b-15

# UYINKOKELI YEZAKWALIZWI

**Uyavuma ukukhokela imicimbi yezakwalizwi xa kufuneka enze njalo. Akunyanzelekanga abe ngumfundisi, kodwa uyamamela xa uThixo esithi makanike ubungqina nokubuyisela abantu kuThixo. Uyamamela uThixo ze adlale indima yakhe ebandleni.**

**Suke ufumanise ukuba: Ndiyindoda!**

## Ukulungele ukusebenzela uThixo xa embiza

Walibona lonakele ilizwe uThixo, kuba abantu babeziphethe kakubi.

Wathi ke uThixo kuNowa: “Ndifikelele ekubeni ndilubhangise lonke uluntu. Ndiza kulutshabalalisa luphele tu, kuba ilizwe lizele zizenzo zobundlobongela. Wena zenzele inqanawa ngamaplanga, ibe namagumbi, uyiqabe itha ngaphandle nangaphakathi.”

Wayenza yonke loo nto wayixelelwa nguThixo uNowa.

EYEZIQALO 6:12-14,22

## Ukhuthaza ulutsha ukuba lugcine ukholo lwalo

Kubhala mna Pawulos umthunywa kaYesu Krestu ngokugunyaziswa nguThixo uMsindisi wethu, noKrestu Yesu ithemba lethu. Ndibhalela uTimoti, unyana wam wenene ngokwaselukholweni. Ndithi: Kuwe makulawule isisa, inceba, noxolo oluvela kuThixo uBawo, noKrestu Yesu iNkosi yethu.

Lo myalelo ndiwunika wena, Timoti, nyana wam, ngokwamazwi awodwa âvela kuThixo ethethwa ngawe mandulo. Ngoko ke loo mazwi makabe sisixhobo sakho edabini, uxhobe ngokholo nangesazela esihlambulukileyo. Ngokudela isazela, abanye abantu balutyumza okweselwa elinamasi ukholo lwabo. Phakathi kwabo ndingabalula uHimeniyo noAlesandire, esendide ndabanikela kuSathana, ukuze baqeqeshwe bakuyeke ukunyelisa.

1 KUTIMOTI 1:1-2,18-20

## Uyayimela imiba yezakwalizwi

UMpostile uPawulos wathetha phandle echasa ubutshinga bamanye amakholwa, awayeqalile ukutenxa kwinyaniso yeGospile.

Xa wayeseAntiyokwe uPetros ndamgqogqa iindlebe, ndimxelela ngempazamo yakhe eyayidandalazile mpela. Wayedla ngokutya kunye namakholwa aziintlanga, ngaphambi kokuba kufike apho iqela lamadoda awayevela kuYakobi. Kodwa kuthe kwakuba kufike la madoda warhoxa uPetros, wazilumla ekutyeni namawethu aziintlanga, ngenxa yokoyika ukugxekwa ngâbo babesithi makwalukwe. Namanye amakholwa amaJuda abonakalisa kwaobo bubhetyebhetye bufana nobukaPetros, kangangokuba noBharnabha wawexuleka bobo bubhetyebhetye. Ndithe ke ndakukuphawula ukungabi nanyaniso kokuziphatha kwabo ngendlela engangqinelaniyo nenyaniso yeendaba ezimnandi, ndathi kuPetros phambi kwabo bonke: "Nakuba wena ungumJuda, ubusoloko uziphethe njengeentlanga kodwa; ungathini ke ngoku ukujika uzinyanzele iintlanga ukuba ziziphathe njengamaJuda?"

KUMAGALATI 2:11-14

## Uxhobisa abanye ngenyaniso yeGospile

E-Efese kwafika umJuda, ogama linguApolo, owazalelwa eAlesandriya. Wayeliciko lokuthetha, futhi ezazi ngokucokisekileyo iziBhalo. Wayeqeqeshiwe ngeNdlela yeNkosi, ngokunjalo wayethetha ngokutshiseka ezifundisa iinyaniso ezingoYesu ngentembeko. Nangona kunjalo wayesazi ubhaptizo lukaYohane kuphela. Wayethetha ngesibindi endlwini yesikhungo. Bathi ke bakumva ooPrisila noAkwila, bammemela emzini wabo, bamcacisela kakuhle ngokuzeleyo iNdlela yeNkosi.

UMSEBENZI WABATHUNYWA 18:24-26

## Yena nosapho lwakhe baba ngumzekelo omhle wokuzinikela kuThixo

UYoshuwa waqhubeka wathi:

"UNdikhoyo mhloneleni, nimnqule ngentembeko ninyanisekile. Yahlukanani nezithixo zookhokho benu ngexesha bengaphesheya kwe-Efrati naseJiputa, nikhonze uNdikhoyo yedwa. Ke ukuba kubi emehlweni enu ukumkhonza uNdikhoyo, khethani ngoku, ukuba nokhonza bani na nina, phakathi koothixo baseMesopotami booyihlo noothixo bama-Amori enimi kumhlaba wawo. Kodwa mna kunye nomzi wam, siya kukhonza uNdikhoyo."

UYOSHUWA 24:14-15

## Ulandela uThixo de kube sekugqibeleni

Wathi xa sele eza kubhubha uMpostile uPawulos, wabhala wathi:

Okokwam ke mna, ubomi bam sebuphalazwa njengedini; nexesha lam lokunduluka selisongekile. Ndizabalazile elugqatsweni olukhulu; ngoku ndifikile entanjeni; ke lona ukholo ndilugcinile. Ngoku ke sendilindelwe yimbasa, isithsaba esibonakalisa ubulungisa, eya kundithwesa sona ngaloo Mini inkulu iNkosi, uMgwebi ogweba engenaxanasi. Phofu ke asindim ndedwa olindelwe seso sithsaba, koko ngabo bonke abayithandayo iNkosi eza kufika.

2 KUTIMOTI 4:6-8

## Ushiya ngasemva umzila wemicimbi yezakwalizwi

Kodwa ke wena (Timoti), nyana wam, uze uhambe rhoqo ekhondweni lam (Pawulos), ngeemfundiso, ngokuziphatha, ngeenjongo, ngokholo, ngomonde, nangothando, nangokunyamezela ngexesha leentshutshiso, nasebunzimeni. Izinto ezandihlelayo eAntiyokwe, eIkoniyo, naseListra, uyazi ukuba ndazithwala, iNkosi indihlangula kuzo zonke. Kambe intshutshiso yomfikela nawuphi na umKrestu ofuna ukuhlala esoyika iNkosi. Kodwa zona izikhohlakali nezikrelemnqa ziya kuqhuba zisuka ebubini ziye kobungaphezulu ububi, zihamba zikhohlisa, zikhohliswa nazo. Ke wena yayamana rhoqo neenyaniso ozifundileyo waqinisekiswa ngazo. Khumbula ukuba uzifunde kubani na. Khumbula ukuba kwausengumntwana waqhelaniswa neziBhalo eziNgcwele ezikunika ubulumko, khon' ukuze usindiswe ngokukholwa kuKrestu Yesu.

2 KUTIMOTI 3:10-15

# NGELINYE IXESHA UYABULALEKA

**Uyaqaphela ukuba izinto ebomini bakhe azisoloko zihamba kakuhle. Uyakhathazeka xa kusenzeka izinto ezimbi kuye, ngelinye ixesha ezenziwa zizigqibo azithathileyo. Kodwa ngelinye ixesha uye enzakaliswe ziimeko ezingapha kolawulo lwakhe. Ngelinye ixesha uyasokolisa ukwahlukana nezinto ezazenzeke mandulo, kodwa ngelinye ixesha uyakwazi ukuthetha noThixo ngokubulaleka kwakhe nokujongana nentlungu yakhe. Emva koko uye abone ukuba angaqalela okutsha noxa kwenzeke ezo zinto zenzekileyo ngaphambili.**

**Suke ufumanise ukuba: Ndiyindoda!**

## *Noxa ekhonza uThixo, izinto ezimbi ziye zimehlele ngamanye amaxesha*

Ngenye imini xa oonyana bakaYobi neentombi zakhe babebhiyoza besitya besela endlwini yenkulu yakhe, kwafika isigidimi kuYobi, sathi: "Besilima ngeenkabi, zona iidonki zisitya kwalapho kufutshane; kwaza kwagaleleka amaSabha, asihlasela, azithimba ezo nkomo needonki. Ke zona izicaka zakho azibulele ngekrele; kusinde mna ndedwa ukuze ndikwazise."

Eso sicaka sathi sisathetha njalo kwafika esinye isigidimi, sathi: "Zonke iigusha zakho ngokunjalo nabelusi zibethwe ngumbane zafa; kusinde mna ndedwa ukuze ndikwazise."

Sisathetha njalo kwagaleleka esinye, safika sathi: "Sihlaselwe ngamaqela amathathu amaKaledi, afika azithimba iinkamela, abelusi ababulala ngekrele, yandim ndedwa osindayo ukuze ndikwazise."

Eso sigidimi sathi sisachaza njalo, kwagaleleka esinye, safika sathi: "Oonyana neentombi zakho bebesendlwini yonyana wakho omkhulu, bebhiyoza, besitya, besela iwayini, kwaza kwasuka kwavuthuza inkanyamba, ivela ngasentlango. Isuke yadlikidla amacala omane endlu leyo, yabawela abantwana abo, bafela apho bonke; ndim ndedwa osindileyo. Ewe, ndim kuphela osindileyo ukuze ndikubikele."

Kwesi sithuba ke uYobi waphakama, wakrazula umnweba wakhe, wayigugula intloko yakhe, waza ke wee guqaqa wanqula, wathi:

"Ndazalwa nguma ndizé, ndaye ke
ndiya kunduluka ndikwazé.
NguNdikhoyo onikayo,
ikwanguye noththayo.
Malidunyiswe igama
likaNdikhoyo!"

Kuyo yonke le ntlekele uYobi zange one okanye akhalazele uThixo.

UYOBI 1:13-22

## Uphathwa sisifo esinganyangekiyo

Ngelo thuba ke ukumkani uHezekiya wahlabeka, waza wagulela ukungabikho. Umshumayeli uIsaya, unyana ka-Amozi, waya kumbona, waza wathi kuye: "UNdikhoyo uthi: 'Lungisa imicimbi yomzi wakho ime kakuhle, kuba uza kufa, awuzukuphila.' "

2 YOOKUMKANI 20:1

Intlungu yakhe uyinika uThixo.

Ke uHezekiya wasuka wafulathela, wajonga eludongeni, wathandaza kuNdikhoyo wathi: "Khumbula kaloku, Ndikhoyo, ukuba oko ndakunqulayo ndikukhonza ngentembeko nokunyaniseka, ndaba soloko ndihamba ngokomyalelo wakho." Suka ke wangqukruleka kabuhlungu.

2 YOOKUMKANI 20:2-3

## Uyabulaleka ngenxa yezinto ezingafanelekanga ezikhethwe ngumntwana wakhe

UIsake noRabheka babengonwabanga kakhulu ngamakhosikazi amabini ayetshatwe ngunyana wabo uEsawu.

Akuba mashumi mane ubudala uEsawu, wathatha iintombi zamaHeti zambini. YayinguJuditi intombi kaBheri, noBhasemati intombi kaElon. Aba bafazi babahlalisa kabuhlungu ooIsake noRabheka.

EYEZIQALO 26:34-35

## Izinto ezenzeka kudala ziyamtshutshisa

UMosis washiya ibhotwe ebona indlela abantu bakhe ababephetheke kakubi ngayo phantsi kwamaJiputa. Ngenye imini wadibana nomJiputa ehlukumeza omnye wabo. Esemsindweni omkhulu, uMosis wambulala umJiputa wafihla umzimba wakhe esantini.

Ngemini elandelayo wabona amaHebhere amabini esilwa, waza wathi kulo uvuyelela omnye: "Kutheni na nisilwa, nizalana nje?"

Ke yena wambuza wathi: "Sekungathi uyinduna nomgwebi nje, umiselwe ngubani? Ucinga ukuba ndingulaa mJiputa umbuleleyo – nam uza kundigebenga?"

Akuweva la mazwi uMosis woyika, wathetha yedwa esithi: "Ithe kanti le nto iyaziwa!"

Akuyiva le nto ukumkani watsho wafuna ukumbulala uMosis. Kambe ke yena uMosis wasaba, waya kuhlala kwelaseMidiyan.

EYEMFUDUKO 2:13-16

## Unabo ubuthathaka ebomini bakhe

**Obu buthathaka bumzisela intlungu kodwa ubulwa ngofefe lukaThixo.**

Ndabethwa ngesifo esaba sisithunywa sikaSathana ukuze sindintlithe ndingazingci ngokugqithisileyo. Ndayithandaza kathathu iNkosi, ndiyicela ukuba isisuse kum. Kodwa yandiphendula yathi: "Ubabalo lwam lukwanele, kuba amandla am acaca xa ubuthathaka." Ngoko ke ndikhetha ukuqhayisa ngezinto ezibonakalisa ubuthathaka bam, ukuze ndikuve ukongama kwamandla kaKrestu phezu kwam. Ndanelisekile ke ngoko nokuba ndibuthathaka, nokuba ndiyagxekwa, nokuba nditsala nzima, nditshutshiswa, ndithwala iimbandezelo ngenxa kaKrestu. Kuba xa ndibuthathaka, kuxa kanye ndinamandla.

2 KWABASEKORINTE 12:7b-10

## Ngelinye ixesha uziva elilolo yaye evulelekile kwiintshaba

Thixo wam, Thixo wam,
undishiyeleni na?
Kudala ndizigixa, ndicel' uncedo,
kodwa andikalufumani unangoku!
Thixo wam, emini ndikhalela kuwe,
kodwa akundiva.
Nasebusuku ndiyakhala,
ndingafumani kuphumla phezu koko.
Kambe wena ungqendeve phakathi
kwabakudumisayo;
nditsho wena ngangamela
yakwaSirayeli.

Mus' ukuba kude kum.
Kaloku sele isemnyango imbandezelo;
ibe akukho namnye ongandincedayo.
Zindingqongile iintshaba zam,
ngathi ziinkunz' ezomeleleyo
zaseBhashan;
zindivelele macal' onke.
Zikhamisile, zindivulel' imilomo;
ziyandijamela zixel' ingonyam'
egqumayo.
Ndiphelelwe; amandla aphalele
njengamanzi,
ahlukene onke amathambo am,
intliziyo yam iyanyibilika ngathi
ngumthwebeba.
Aphele mpel' amandla kum,
ulwimi lwam lunamathel'
ezinkalakahleni,
undishiy' eluthulini njengofileyo.

INDUMISO 22:1-3,11-15

## Kodwa uye aqonde ukuba uThixo uza kuphinda amncede

Amehlo am ndiwajongis' enkalweni;
yaz'ba lovela ngaphi na uncedo lwam?
Umncedi wam nguNdikhoyo,
yena ungumenzi wamazulu
nehlabathi.
Yena wondibamba lungatyibiliki
unyawo lwam;
kaloku akozeli, walusa mna.

Khangela, umalusi kaSirayeli akozeli,
engalali nokulala oku.
Kaloku nguNdikhoyo okwalusayo –
nguye okwenzela umthunzi.
Emini ilanga aliyi kukugqatsa;
kanti ke nenyanga ebusuku
ayinakukwenza nto.

NguNdikhoyo ixhadi lakho lakubhek'
umoya;
ewe, uya kukwalusa
ungachukunyiswa nto.
Ngenene, uNdikhoyo uya kukwalusa,
xa uhambayo naxa ubuyayo,
kuqalela ngoku kude kube nini-nini.

INDUMISO 121:1-8

## Uyazi ukuba angaqala ekuqaleni, noxa kukho izinto ebezikhe zenzeka

UThixo wamnikeza elinye ithuba lobomi obutsha uPawulos noxa wayetshutshise iBandla likaYesu Krestu. UPawulos wanika ubungqina malunga noku kuKumkani uAgripa:

“Kwakungale njongo ke kanye ukuze ndiye eDamasko, ndinamagunya endawafumana kubabingeleli abaziintloko. Endleleni apho, emini emaqanda, mhlekazi, ndabona ukukhanya okubengezela ngaphezu kokukhanya kwelanga, kuvela esibhakabhakeni, kundibengezelela ngeenxa zonke, naloo madoda ndandihamba nawo. Xa sisonke sawa phantsi, ndaza ndeva ilizwi lithetha nam ngesiHebhere, lisithi: ‘Sawule, Sawule, unditshutshisela ntoni? Uyazenzakalisa ngezi nkani zakho!’ ‘Ungubani, Nkosi?’ ndabuza ndatsho. Yathi iNkosi: ‘Mna ndinguYesu, lo umtshutshisayo. Vuka ume ngeenyawo. Ndibonakala kuwe ngesi sizathu sokuba ndikumisele ube sisicaka sam, ungqine kwabanye abantu ngokundibona kwakho namhlanje, nangezinto endisaza kukubonisa zona. Ndikuhlangula kumaSirayeli nasezintlangeni; phofu ndikuthuma kwakuzo, ukuba uvule amehlo azo, uziguqule ziphume ebumnyameni, zize ekukhanyeni, ziphume egunyeni likaSathana, zize kuThixo, ukuze zithi ngenxa yokuzinikela kum zixolelwe izono zazo, futhi zizuze indawo phakathi kwabantu bakaThixo abanyuliweyo.’

“Ngoko ke, kumkani Agripa, ndawuthobela umbono lowo wawuvela ezulwini.”

UMSEBENZI WABATHUNYWA 26:12-19

## Uyazi ukuba uThixo uhlala enaye, naxa ebulaleka

UJosefu wabuva ubukho bukaThixo nangexesha watyholwa ngento angayenzanga wavalelwa entolongweni.

Waqumba kakhulu uPotifare akuyiva loo nto ithethwa ngumkakhe, wathi uJosefu makabanjwe, avalelwe entolongweni ekwakuvalelwa kuyo amabanjwa kakumkani.

Wahlala apho. Kodwa nalapho uNdikhoyo waba ngakuJosefu, wamthamsanqelisa, watsho wathandwa ngujela. Ujela wamnyusela uJosefu, wangumphathi wamanye amabanjwa. Yonke into eyenziwa entolongweni yajonga yena. UNdikhoyo wamphumeza uJosefu kangangokude ujela angabi sajongana nemisebenzi eyayijongwe nguJosefu, kuba uNdikhoyo wayemthamsanqelisa.

EYEZIQALO 39:19-23

## Noxa ebulaleka, uyayazi ukuba uThixo unezicwangciso ezikhulu ngobomi bakhe

Noxa abanakwabo babemenzele ububi uJosefu, wakwazi ukubona isandla sikaThixo ebomini bakhe.

Wenjenje uJosefu ukuthetha nabantakwabo: "NdinguJosefu. Nithi ubawo usaphila?" Bakukuva oko abantakwabo bothuka, ababi nako nokuthetha.

Uthe uYosefu: "Sondelani." Basondela, wathi: "Ndingumntakwenu uJosefu enamthengisa eJiputa. Sanukukhathazeka okanye nizohlwaye ngenxa yokuba nandithengisa apha. NguThixo owathi mandinandulele, ukuze kusinde abantu. Lo isengowesibini unyaka wendlala; kuseza eminye emihlanu, kungàlinywa, kungàvunwa. NguThixo owathi mandize ngaphambi kwenu apha, ukuze nisinde ngale ndlela imangalisayo, kusinde nenzala yenu ngangokuba ingako. Ayinini ke ngoko abandizisa apha, nguThixo. Nguye ondenze umphathiswa kakumkani ophethe lonke eli lizwe nolawula iJiputa iphela."

EYEZIQALO 45:3-8

## Uyamdumisa uThixo nokuba sebulaleka

UPawulos noSilas babulaleka ngoba babehambisa iGospile kaYesu Krestu.

Nesihlwele sangenelela ekubahlaseleni.

Zaza iziphathamandla zathi mazikrazulwe izambatho zikaPawulos noSilas, babethwe nokubethwa. Bakuba bebethwe kanobom, bavalelwa entolongweni. Wayalelwa nojela ukuba abatshixele abagcine ngokunqabileyo. Ewufumene umyalelo lowo, ujela wabatshixela kwelingaphakathi igumbi, wabakhonkxa iinyawo ngezikhuni.

Phakathi kobusuku uPawulos noSilas bathandaza bacula bedumisa uThixo, namanye amabanjwa ebeva.

UMSEBENZI WABATHUNYWA 16:22-25

# UHLALA ETHEMBENI

**Phakathi kwamagingxigingxi neziphithiphithi zobomi, ubambelela ethembeni lokuba uThixo uyabonelela. Uyakwazi ukujonga ngaphaya kweemeko ajongene nazo ahlale engalahli themba kuba esazi ukuba ungokaYesu Krestu ekuphileni nasekufeni, ngenxa yoko unekamva.**

**Suke ufumanise ukuba: Ndiyindoda!**

## Uyazi ukuba, xa enoThixo, angamelana nayo yonke into adibana nayo

Noxa ikamva lethu singalazi yaye ngelinye ixesha lisoyikisa, uyazi ukuba ikamva lakhe lisesandleni sikaThixo. Nokuba indlela imbhekisa ngaphi na, uyazi ukuba uThixo uza kusoloko esecaleni kwakhe.

UMosis wabiza uYoshuwa, wathetha naye phambi kwawo onke amaSirayeli, wathi: "Qina ukhaliphe! Kaloku nguwe oza kukhokela aba bantu, uye kubadlisa ilifa labo kwelo lizwe uNdikhoyo wabathembisa ngalo ngesifungo ooyise-mkhulu. NguNdikhoyo ngokwakhe oza kunikhokela, ahambe nani. Soze arhoxe, engasoze anilahle; ngoko ke yomelelani ningoyiki."

UHLAZIYO-MNQOPHISO 31:7-8

Ngokholo uAbraham walusabela ubizo lokuya kuma kwilizwe elalithenjiswe nguThixo kuye nakwinzala yakhe. Walishiya elakowabo, engazi nokuba makabheke ngaphi na. Ngokholo wahlala engumphambukeli kwilizwe lesithembiso. Wayehlala ezintenteni. Benjenjalo nooIsake noYakobi abakwaziindlamafa zeso sithembiso. Kaloku wayenxubile elindele elo lizwe liziseko zingagungqiyo, lakhiwe nguThixo.

KUMAHEBHERE 11:8-10

## Ubona uThixo kwiindawo nakwizinto angazilindelanga ebomini bakhe

Engazi ukuba ikamva limphathele ntoni, uYakobi waya kwizizalwane zakulonina ezazihlala kwindawo engaqhelekanga. Ngobunye ubusuku, uThixo wavela kuye esecaleni kwendlela apho wayelele khona.

Wabona uNdikhoyo emi ngakuye esithi: "NdinguNdikhoyo, uThixo kayihlo-mkhulu uAbraham noyihlo uIsake. Lo mhlaba ulele kuwo uya kumiwa nguwe nayinzala yakho. Inzala yakho iya kuba ngangentlabathi ubuninzi bayo. Yaye iya kuxanda, inabe kumacala onke. Zonke izizwe ziya kuthamsanqeliswa ngenxa yakho nenzala yakho. Ndiza kusoloko ndinawe, ndikukhusele naphi na apho uya khona, ndibuye ndikubuyisele kwakule ndawo. Andiyi kukushiya ndide ndizenze zonke izinto endizithembisileyo."

Akuphaphama uYakobi, wathi: "Ngenene uNdikhoyo ukho kule ndawo; ndibe bendingayazi loo nto." Wangenwa luvalo kwaoko, wathi: "Hayi ukoyikeka kwayo le ndawo! Yindlu kaThixo le! Lisango lezulu eli!"

EYEZIQALO 28:13-17

## Uyazi ukuba kukho ubomi ngaphaya kokufa

Noxa uPawulos wawuphumeza umsebenzi wakhe wobizo apha emhlabeni, kwakungumnqweno wakhe ukuba akushiye konke ukungagqibeleli kwehlabathi, ze ahlanganiswe noKrestu kuzuko lwanaphakade.

Umnqweno nethemba lam kukuba ndinganikezeli, kodwa ngamaxesha onke, ingakumbi ngoku, ndikhuthale, ukuze ubume bam bonke bunike isidima kuKrestu, ndiphila okanye ndifile. Kambe ke, ukudla ubomi, kum kukuthobela uKrestu. Ukufa ke kona kuzisa lukhulu. Kodwa ke ukuba ukudla kwam ubomi kululutho, ndingakhetha ndithini? Ndixakiwe. Ndiyakulangazelela ukufuduka ndiye kuKrestu, nto leyo ibhetele kakhulu. Kodwa ngenxa yenu kubalulekile ngaphezulu ukuba ndidle ubomi.

KWABASEFILIPI 1:20-24

## Ulindele ukubuya kukaKrestu

UPawulos naye wakhuthaza onke amakholwa ukuba ahlale elinde ukubuya kukaYesu.

Mawethu, akukho mfuneko yakuba ndinibhalele mayela namaxesha namathuba. Kaloku nazi kakuhle ukuba iMini yeNkosi ifika njengesela eliza ngobusuku. Ngelo xesha akuyi kusinda mntu, kuba lo gama kanye abantu bathi lixolile, bakhuselekile, lifika ngequbuliso ishwangusha kubo, kanye njengentlungu eviwa ngumfazi oza kuzala. Ke nina, mawethu, anihambi emnyameni. Loo mini ke ayimelwe kunifikela ngebhaqo ngokwesela. Nina ningabantu bokukhanya, abantu abahamba emini. Thina asibantu bahamba ngobusuku, emnyameni. Masingalali buthongo ke thina njengabanye abo; masiphaphe, singanxili. Kulalwa ebusuku ngabalalayo; kunxilwa ebusuku ngamanxila. Ke thina bantu bahamba emini masinganxili, koko masambathe ukholo nothando njengesikhuselo-sifuba, sithwale ithemba lokusindiswa njengomnqwazi wokukhusela intloko. Kuba kaloku uThixo akasinyulelanga ingqumbo, usinyulele ukuba sizuze usindiso ngoYesu Krestu iNkosi yethu, owasifela ukuze sihlale kunye naye, nokuba silele nokuba asilele. Ngoko ke, njengoko senenjenjalo kakade, khuthazanani, nakhane omnye nomnye.

1 KWABASETESALONIKA 5:1-11

# ISIQUKUMBELO

**Izicatshulwa zeZibhalo ezilapha kule ncwadana zibonisa izinto ezahlukileyo ezibonisa ubudoda bomntu ezisasebenzayo nanamhlanje. Umthandazo wethu ngowokuba ithi kanti le ncwadana ingakunceda ukuba uqonde ngokupheleleyo izinto amadoda anamhlanje ajongene nazo. IBhayibhile ayiyifihli into yokuba ihlabathi linezinto ezingakhiyo ngamanye amaxesha yaye amadoda aseBhayibhileni amaxesha amaninzi ayenobuthathaka. Ungaqiniseka ke kodwa ukuba, uza kufumana ithemba kwiZibhalo lokujongana nayo nayiphi na imeko ozifumana ukuyo. Uya kuyifumana indlela xa ulahlekile. Uya kuphakanyiswa ze uthuthuzelwe xa uwile naxa ubukhathazekile. Izibhalo zikucela umngeni ngokutsha ukuba uzalisekise imisebenzi nezinto ezilindeleke kuwe njengendoda ekholiweyo. Zinga izicatshulwa zeziBhalo ezikule ncwadana zingakukhuthaza ze zikucele umngeni kwiimeko zakho ezizodwa.**